

NDIKUBHALISELA NJANI UKUBHALA?

Kufuneka ubhalise kwi-intanethi:

1. Ngena kwiwebhusayithi ye-NBT: www.nbt.ac.za, cofa ku "Book a Test" uze ulandele izikhokelo. Usenako nokubhalisa nge-intanethi kwiselula yakho.
2. Ileta eqinisekisa ubhaliso lwakho nequletthe i-barcode ka-EasyPay iza kufumaneka ukuze ukwazi ukuzikhuphelela uyiprinte emva kokuba ucofe u-"Submit". Kumele uthathe ileta yakho yobhaliso uyise kwindawo yokubhatala ka-EastPay ubhatala umrhumo wovavanyo.

YUsenako nokubhatala kwiwebhusayithi ka-EasyPay: www.easypay.co.za.

Akuyomfuneko ukuza nezi kwindawo yovavanyo, kodwa kufanele uziprinte ugcine ikopi. Iziphumo zikhutshwa kuphela xa iimvavanyo zibhatelwe.

Ubhaliso lugxile kumhla nendawo. Ukuba uphosa iseshoni yakho yokubhala ecwangcisiweyo, okanye unqwenela ukubhala okwesibini, kumele ubhalise uze ubhatala kwakhona.

KUXABISA MALINI UKUBHALA?

Imirhumo yemvavanyo kubafundi ababhalisela unyaka ka-2019 yi:

- AQL kuphela - R90
- AQL ne-MAT - R180

UBUSAZI NA?

Ukuba akukho ndawo onokubhala kuyo uvavanyo lwe-NBT kufutshane kwindawo ohlala kuyo, ungasithumelela i-imeyile okanye usifowunele siyakuzama ukukulungiselela isayithi ozakubhala kuyo uvavanyo lwakho.

I-imeyile nbt@uct.ac.za

Umnxeba 021 650 3523

U-Twitter @cetap_uct

U-Facebook nationalbenchmarktest

www.nbt.ac.za



THE NATIONAL BENCHMARK TESTS



CETAP

Centre for Educational Testing for Access and Placement



UNIVERSITIES SOUTH AFRICA

Testing for 2019
University Placement

● ZINTONI IIMVAVANYO ZESIZWE ZOKUTHELEKISA UMGANGATHO?

IiMvavanyo zeSizwe zokuThelekisa uMgangatho (i-NBT) zivavanya ukulungela kwakho imfundo ephakamileyo yaseYunivesithi.

● KUTHENI KUFUNEKA NDIBHALE IIMVAVANYO NJE?

Ii-NBT zisetyenziswa ziyunivesithi ezininzi elizweni. Zinceda amaziko emfundo ephakamileyo atolike ubume beziphumo zemvamvanyo zokuphela konyaka ezifana neSitifiketi esiPhezulu seSizwe (i-NSC). Iziphumo zovavanyo ziyaxhasa, kodwa azithathi ndawo okanye ziphinde kabini iziphumo ze-NSC.

Amanye amaziko emfundo ephakamileyo asebenzisa ii-NBT ukubathatha abafundi ukuze bafumane indawo yokufunda amanye azisebenzisa ukuthatha isigqibo sokuba baza kufuna inkxaso eyongezelelweyo yemfundo ephakamileyo ngexesha lezifundo zabo. Zikwanceda nokuphuhlisa ikharithyulam. Qonda kwiziko owenza kulo isicelo ukuba ingaba kufuneka ubhale iimvavanyo kusini na.

● ZEZIPHI IIMVAVANYO EKUMELE UKUBA NDIZIBHALE?

Ifakhalthi owenza kuyo isicelo izakwazi ukuba zeziphi iimvavanyo okumele ukuba uzibhale nemihla emiselweyo yokufumana iziphumo zakho.

● NDIINGABHALA PHI IIMVAVANYO?

Ishedyuli ephetheleyo enazo zonke iindawo ekubhalwa kuzo iimvavanyo ikwiwebhusayithi ye-NBT (www.nbt.ac.za). Ukuba akukho zimvavanyo ezibhalwa kwindawo ekufutshane nalapho uhlala khona, thumela i-imeyile ku-nbt@uct.ac.za, okanye sifowunele ku-021 650 3523 siyakuzama sikulungiselele isayithi eyodwa ukuze ubhale uvavanyo lwakho.

● NDIINGALINDELA NTONI KWEZI MVAVANYO?

- Zimbini iimvavanyo. Bubuchule bokufunda nendlela yokubhala xa ukwinqanaba lemfundo ephakamileyo, nolwazi onalo ngokubala (ezi zidityanisiwe: AQL), neZibalo (MAT). Ngenkcazelo ethe vetshe malunga neemvavanyo okumele ugxile kuzo, yiya kwiwebhusayithi yethu: www.nbt.ac.za.
- I-Quantitative Literacy iyafana neLitherasi yeZibalo.
- Abafundi abakhubazekileyo bayancedwa nabo. Uvavanyo lwe-AQL lukwaguqulwe kwi-Braille.
- Uvavanyo ngalunye lufuna ukuba usebenzise okufunde ngaphambili – okwaziyo nokwazi ukukwenza – kwiincwadi ezinesikhokelo ngokulindeleke kubafundi abenza unyaka wokuqala kwiinkqubo zaseyunivesithi.
- Iimvavanyo ziyimfihlo, ngoko ke akukho maphepha eminyaka eyadlulayo kwaye akukho zincwadi onokuzifunda xa ulungiselela olu vavanyo.

● KUMELE NDIBHALE NINI?

Kufanele ubhale xa uziva ukulungele, kodwa qinisekisa ukuba ubhala kwangethuba ukuze ufikelele kwimihla emiselweyo neemfuneko zezo nkqubo owenza isicelo kuzo. Kumele ubhale iimvavanyo zombini ngemini enye. Uvumelekile ukuba ubhale i-NBT okwesibini, kodwa kuza kufuneka uqonde kwifakhalthi yakho kuqala ukuba amanqaku esibini azakwamkelwa na.

● NDIINGABHALA NINI?

Ubhaliso lwazo zonke iiseshoni ze-NBT luvula ngomhla woku-1 ku-Apreli 2017.

IMIHLA YEMVAVA NYO ZE-NBT	USUKU LOKUGQIBELA LOKUBHALISA KWI-INTANETHI	USUKU LOKUGQIBELA LOKUHLAWULA IMIRHUMO	IZIPHUMO ZIYAFUMANEKA KUMAZIKO	IZIPHUMO ZIYAFUMANEKA A KUBABHALI
26-May	06-May	13-May	18-Jun	25-Jun
2-Jun	13-May	20-May	25-Jun	02-Jul
*03 June	13-May	20-May	25-Jun	02-Jul
23-Jun	03-Jun	10-Jun	16-Jul	23-Jul
*24-Jun	03-Jun	10-Jun	16-Jul	23-Jul
**29 June	10-Jun	17-Jun	23-Jul	30-Jul
30-Jun	10-Jun	17-Jun	23-Jul	30-Jul
7-Jul	17-Jun	24-Jun	30-Jul	06-Aug
14-Jul	24-Jun	01-Jul	06-Aug	13-Aug
*15-Jul	24-Jun	01-Jul	06-Aug	13-Aug
28-Jul	08-Jul	15-Jul	20-Aug	27-Aug
**10 Aug	22-Jul	29-Jul	03-Sep	10-Sep
11-Aug	22-Jul	29-Jul	03-Sep	10-Sep
25-Aug	05-Aug	12-Aug	17-Sep	24-Sep
8-Sep	19-Aug	26-Aug	01-Oct	08-Oct
15-Sep	26-Aug	02-Sep	08-Oct	15-Oct
29-Sep	09-Sep	16-Sep	22-Oct	29-Oct
6-Oct	16-Sep	23-Sep	29-Oct	05-Nov
*07 Oct	16-Sep	23-Sep	29-Oct	05-Nov
13-Oct	30-Sep	30-Sep	05-Nov	12-Nov
24-Nov	04-Nov	11-Nov	17-Dec	17-Dec
1-Dec	11-Nov	18-Nov	18-Dec	18-Dec
*02-Dec	11-Nov	18-Nov	18-Dec	18-Dec
**4-Jan-19	16-Dec	16-Dec	28-Jan-19	4-Feb-19
5-Jan-19	16-Dec	16-Dec	28-Jan-19	4-Feb-19

* Ileshoni yovavanyo lwangeCawe

** Ileshoni yovavanyo lwangoLwesihlanu